



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2019**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2  
SIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 70**

---

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha asi – 7.

---

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1 VULEKA MHLABA: Ncedile Saule**

- 1.1 1.1.1 Isityholo sokuba ubulele inkosikazi yakhe uDora. ✓ (1)
- 1.1.2 Ukusinda ✓✓/ ukuphuncuka ✓✓/ukusinda cebetshu. ✓✓  
[Nayiphi na eNYE kwezi] (2)
- 1.1.3 Njengomntu othanda noxabise inkcubeko yabantu abaNtsundu. ✓✓ (2)
- 1.1.4 (a) oweliso ✓/owokubona ✓ (1)
- (b) ngowokugxalathelana kweqela labantu ✓✓/ ngowokufika kwabantu abaninzi endaweni ✓✓/ ngowokungena kwabantu endaweni befika ngokufika. ✓✓  
[Nayiphi na eNYE kwezi] (2)
- 1.1.5 (a) (iii) ✓/ (iii) nguSaqhwithi ✓/ nguSaqhwithi ✓  
(b) (i) ✓/ (i) nguMbokotho ✓/ nguMbokotho ✓  
(c) (ii) ✓/ (ii) nguBonakele ✓/ nguBonakele ✓ (3)
- 1.1.6 Lelokuyondelelana kwezinto. ✓ (1)
- 1.1.7 Wathi akungena ecaweni uBantu akwabikho kuzinza ebantwini, bagushugushuza kwade kwakho umfazi okhala isijwili nowabangela ukuba baphume bonke abantu ecaweni bebaleka uBantu. ✓✓ (2)
- 1.1.8 Ngokuthi athi akubaleka uBantu esiya 'kuzeyelisela' emlanjeni alindwe nguNoziqhamo lo de abuye, amkhaphe amgoduse ✓✓/ ukunqumama kukaMfundisi esashumayela kwakungena uBantu emnyango kwabangela ukuba abantu bangazinzi. ✓✓  
[Nayiphi na eNYE kwezi] (2)
- 1.1.9 Ngokuthi athi eligqwetha ebelimele ukukhusela abantu kodwa abe ngumbulali ✓/ngokuthi athi embulele uDora kodwa avuyele ukuba kubanjwe uBantu engenzanga nto ✓/ngokuthi inguye obuleleyo asulele uDlamini amthenge ukuba angakuthethi akubonileyo ade abe uDlamini ushiywa ziingqondo ✓/ ukuzama ukubulala uDlamini kuba efuna kungabikho bungqina bokuba nguye oyena mbulali. ✓  
[Nasiphi na isiBINI kwezi] (2)

**[18]**

**ISICATSHULWA B**

- 1.2.1 Lolwabantu abagula ngengqondo ✓/ lolwabantu abaphazamisekileyo engqondweni. ✓  
[Nayiphi na kwezi.] (1)
- 1.2.2 Sesokuba uNoziqhamo wayesoloko efuna ukuqonda ukuba uDlamini lo yena waphelaphi na kweli tyala. ✓✓ (2)
- 1.2.3 Kufanelekile kuba kuluphuphelo lokuza kuqhubeka ebalini. UBantu uza kuyifumana inkululeko yakhe oku kwezaa ntaka wayezibone phambi kokuba angene kwesi sibhedlele. ✓✓ (2)
- 1.2.4 Ngokuchanekileyo kuba nangoku wayengaguli uDlamini koko wayephazanyiswa kukufika kukaJolela. ✓✓ (2)
- 1.2.5 Busekubeni lo Bantu athi ungumhlobo omkhulu wakhe namhlanje ngulo angazange amthethelele mhla wayetyholwa ngokubulala umfazi wakhe uDora. ✓✓ (2)
- 1.2.6 B ✓/ B ungumxhasi ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 1.2.7 Ngowokuba uDlamini athi akujongana noBantu asuke aphaphazele afune ukuphuma ngomnyango kubonakala ukuba ukubona uBantu kumnyusele izibilini. ✓✓ (2)
- 1.2.8 Lwambangela ukuba ahlale esetyisa amazwi awaweve ethethwa nguDlamini abandakanya uJolela kwityala lokufa kukaDora. ✓✓/ Oku kwabangela ukuba aqiniseke nangakumbi ukuba umbulali kaDora uza kufumaneka. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 1.2.9 Wabanjwa wagwetywa ubomi bakhe bonke entolongweni. ✓ (1)
- 1.2.10 Sifanelekile kuba xa kusithiwa, 'Vuleka Mhlaba' kusukube ubani ekwimeko emasikizi nemenza iintloni kangangokuba uye afune ukuginywa ngumhlaba ukuze asithele ebantwini ngenxa yeentloni. Nakweli bali uJolela obeligqwetha elidumileyo ukuloo meko xa ebanjwa egwetyelwa ukubulala uDora ekwakukholeleka ukuba ubulewe nguBantu. ✓✓ (2)

**[17]**  
**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**ICANDELO B: IDRAMA: Idayimani Icholwa Eluthulini: Zama .A. Japhta****UMBUZO 2: ISICATSHULWA C**

- 2.1 2.1.1 Wayengeyonto ngaphandle kokuba naye wayezekusela utywala. ✓ (1)
- 2.1.2 Njengomntu okhohlakeleyo nongenabuntu. ✓✓ (2)
- 2.1.3 Yeyokuzithathela imali epokothweni yomntu. ✓✓ (2)
- 2.1.4 (a) owendlebe ✓ (1)
- (b) ukusokola ukuthetha ngenxa yokuphelelwa ngumoya oxinanisela imiphimbo. ✓✓ (2)
- 2.1.5 (a) (iii) ✓/ (iii) nguMnu.Cingo ✓/ nguMnu.Cingo ✓  
 (b) (i) ✓/ (i) nguMnu. Ntsasa ✓/ nguMnu. Ntsasa ✓  
 (c) (ii) ✓/ (ii) nguSaziso ✓/ nguSaziso ✓ (3)
- 2.1.6 Yingabula zigcawu. ✓ (1)
- 2.1.7 Baye bahamba kunye baya kwigumbi likaNonkuthazo kanti oku kusisiqalo sokuthandana kwabo. ✓✓ (2)
- 2.1.8 Ngokuthi kanti uza kudibana noMfanelo ophela engutata womntwana wakhe nomyeni ✓✓/ ngokuthi kanti uza kudibana noMfanelo oza kutshintsha ubomi bakhe abe ngumntu onesidima afanelwe kukuba angayiyo inkosikazi yetitshala nangona engafundanga. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.1.9 Ngokuthi agwebe uNonkuthazo ambize inxilakazi nangona engazanga wambona enxilile ✓/ ngokuthi apha thele unina iindaba zokuba uMfanelo uhleli kakubi eMthatha ephosisa ✓/yimpakamo yokuba azibone engenakusela nesiselo asiphiwa nguNonkuthazo kuba ethelekisa imeko yendawo abahleli kuyo nekhaya lakhe ✓/ ukuncedisana nomama wakhe ekhuthaza ukungamkelwa kukaNonkuthazo. ✓
- [Nasiphi na isiBINI kwezi.] (2)

**[18]**

**ISICATSHULWA B**

- 2.2.1 Zisixelela ngentshukumo kaNonkuthazo ✓/ sixelelwa ngendawo ekuqhubeka kuyo intshukumo yebali. ✓  
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 2.2.2 Wayehambisa ixesha kuba efuna ukuba uMfanelo abenexesha lokuncokola noSaziso kungekho mntu uphazamisayo. ✓✓ (2)
- 2.2.3 Sifanelekile kuba kumhla batsho bafumana abachasi okanye imiqobo kuthando lwabo uMfanelo noNonkuthazo. ✓✓ (2)
- 2.2.4 Imchaza ngokuchanekileyo kuba uNonkuthazo uzithandela nje uMfanelo engayifakanga ngqondweni kakhulu into yokuba angade abe yinkosikazi yakhe. ✓✓ (2)
- 2.2.5 Lo Nonkuthazo ungafunwayo ubonwa njengenxila namhlanje ngulo uzakuba yintsika yeli khaya ade athandwe ngabo bebengamfuni ekuqaleni ✓✓/ ngulo uza kukhanyisa atshintshe ubomi bonyana wabo ebebaxakile. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 2.2.6 B ✓/ B ungumxhasi ✓  
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 2.2.7 Bahlisana benyusana bexatyaniswa kukuba uSaziso wayesele ezithathele isigqibo sokuba uNonkuthazo akakho ntweni, linxilakazi nje elingamfanelanga. ✓✓ (2)
- 2.2.8 Wayikholelwa yonke ingxelo kaSaziso ngoMfanelo waza wathatha isigqibo sokuba uza kumzama amjike kuthando lwakhe noNonkuthazo. ✓✓ (2)
- 2.2.9 Wanyuselwa waba lisekela nqununu kwisikolo esiphakamileyo. ✓ (1)
- 2.2.10 Sifanelekile kuba sithetha ngedayimani echolwa ethulini oko kukuthi into yexabiso iyafumaneka emgqubeni. Kunjalo nakuMfanelo obeyititshala enxilayo kodwa uthethe akudibana noNonkuthazo waguquka ✓✓/ noNonkuthazo ufumene idayimani enguMfanelo oyititshala etywaleni yena engumcoci esibhedlele. ✓✓  
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

**[17]****AMANQAKU ECANDELO B: 35****OKANYE**

**ICANDELO C: IMIBONGO: Isihobe Se-Afrika Entsha: P.N.Gidi****UMBUZO 3**

- 3.1.1 Sinesikhahlelo ✓ (1)
- 3.1.2 Yimvanosiqalo ✓ (1)
- 3.1.3 Ukwahlulelana kwabantu baseMzantsi Afrika ✓/ ucalucalulo neendlela ezahlukileyo zokubona izinto. ✓✓  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)
- 3.1.4 Unolwazi ✓/ unovelwano ✓/ unobugagu ✓  
[Nayiphi na eNYE kwezi] (1)
- 3.1.5 Umama onobubele obuxhanyulwa ngumntu wonke okude nokufutshane naye ✓✓/ indlezana enobubele obufikelele kuye wonke umntu eAfrika. ✓✓  
[Nayiphi na kwezi] (2)
- 3.1.6 Lijonikazi. ✓ (1)
- 3.1.7 Ngowokuzinikela kukaNomzamo ukunceda aphuhlise ubomi babantu. Unconywa ngokuthi amelane norhulumente wengcinezelo owawumtshutshisa elala ephaphama ngenxa yezoyikiso. ✓✓ (2)
- 3.1.8 Lenkululeko ✓/ ledemokhrasi ✓  
[Nayiphi na kwezi.] (1)
- 3.1.9 Imiqolo ekwaxhiwe ngayo isitanza sesibini mihlanu kanti eyakhe esesine isixhenxe, ngoko ke ayilingani. ✓✓ (2)
- 3.1.10 Kwiziphathamandla zikaRhulumente woMzantsi Afrika ✓ kuba emva kokuzuza inkululeko wonke umntu unebango. ✓ (2)
- 3.1.11 Uncoma umama uWinnie Mandela ngemisebenzi emihle ayenzele uluntu ngokusebenzisa isigama esincomayo esisesi : “Ulwazi, uvelwano kwanobugag’ubunikiwe”, “Maz’ebele lide yaseAfrika, eth’ukw eNYUEanyisa kuhluth’onk’amaAfrika”, “Awuthobanga mxakatho nax’iziphathamandla zikunyelisa”. ✓✓ (2)

**[18]**

- 3.2.1 Kungokuba lwenza imimangaliso enokufaniswa neyenziwa nguThixo. ✓✓ (2)
- 3.2.2 (a) Oweliso ✓/ owokubona. ✓ (1)
- (b) Ukwambathiswa ngokukhuselekileyo. ✓✓ (2)
- 3.2.3 Imfanozandi. ✓ (1)
- 3.2.4 'Iwemfesane' yenene. ✓ (1)
- 3.2.5 Ukuthatha inyathelo eliya liphakama ukubonakalisa ukunyukelana kwemeko. ✓✓ (2)
- 3.2.6 Ikrele ✓ (1)
- 3.2.7 B ✓/ B kumazwe onke ✓  
[Nayiphi na kwezi.] (1)
- 3.2.8 Esi sisafobe esingumbuzo buciko. Sifanelekile kuba akukho mpendulo enokude inikwe xa umntu encoma imimangaliso yothando lomzali. ✓✓ (2)
- 3.2.9 Umzali ngumzali nakwabanye abantwana abaninzi abafumana esizweni. ✓✓ (2)
- 3.2.10 Yeyokuba masibone imisebenzi yothando lomzali kubomi bethu siqiqe sibathande nathi ngokunjalo. ✓✓ (2)
- [17]

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**  
**EWONKE AMANQAKU EPHEPHA: 70**